
UNtiyiso uhlala ezilalini noMakhulu wakhe.

Yonke imihla ukuphuma kwesikolo wayesiya kukha amanzi okupheka nokuhlamba emlanjeni.





UNtiyiso weyesehla induli eliqhina xa esiya emlanjeni.  Wayephatha ibhakethi elingenanto  eliziilitha ezilishumi.

Yayiyindlela ende!

UNtiyiso wayesikha amanzi emlanjeni agcwalise ibhakethi.

Lalisinda eli bhakethi kodwa uNtiyiso wayeliphakamisa kancinci alithwale entloko.





Wayelithwala ngononophelo uNtiyiso ibhakethi lamanzi elisindayo anyuke iqhina egoduka.

Yayingumsebenzi onzima!

Esakufika ekhaya uNtiyiso, umakhulu wayemlinda emnyango aze amphathise ibhakethi.

UNtiyiso wayeziva shushu ediniwe. Wayedinwe kakhulu engakwazi nokwenza umsebenzi wasikolo ekhaya.





Nakusuku olulandelayo esikolweni, uNtiyiso wayesadiniwe.


Utishalakazi wakhe yayingamonwabisi le nto yokudinwa kukaNtiyiso yonke imihla.

Angenza ntoni uNtiyiso?

Kwakufuneka awakhe amanzi yonke imihla, kwakufuneka awenze umsebenzi wasikolo ekhaya.

UNtiyiso wayefuna ukuphumelela esikolweni, kodwa ukukha amanzi ngebhakethi elikhulu kwakumenza adinwe.





Ngoko ke uNtiyiso wacinga icebo. Wacela umhlobo wakhe uLwandle amncedise ukukha amanzi.

Aba bahlobo bahamba  kunye ukuya kukha amanzi emlanjeni.

Endaweni yokukha ngebhakethi elikhulu eliziiilitha ezilishumi, elowo waphatha imbombozi  eziilitha ezintlanu.






Wabulela umhlobo wakhe uLwandle, ngenxa yobubele bakhe uNtiyiso wayengasadinwa.

Wayengasadinwa kukwenza umsebenzi wesikolo ekhaya. Wayengasadinwa naxa esesikolweni.

“Ukucela uLwandle ukuba akuncedise ibilicebo elihle kakhulu Ntiyiso,” watsho utishalakazi encumile.

“Jonga iziphumo zakho, wenze kakuhle kwizifundo zezibalo!”

